

Imvo Zabantsundu.

(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KINGWILLIAMSTOWN NGOLWESI-NE, FEBRUARY 21, 1889.

[No. 223

OLOLIWE BELASEMA XOSANI.

I Tournament ye Bhola e Qonce.

FEBRUARY 20th, 21st, 22nd, 23rd, 25th, and 26th, 1889.

AMAXABISO okuhamba ngalooiwe ayakutotywa kuze zonke. izitishi xa umntu esinga e Qonce, kananjalo ololiwe ababalekayo baya kongezwa ngeloxa. Ingxelo ezeleyo yobonwa kumapepa ashicilelweyo.

T. R. PRICE, Traffic Manager. Chief Office, East Landon, February 1889.

BAKER, BAKER & Co.

Impahla Entsha & Iveki zonke.

KUSAND'UKUFIKA

Into eninzi yempahla elungileyo Nakwabantsundu.

Iilungele elixesha langoku amaxabiso apantsi.

Isuti ze Twidi, Ibhathi ezinkulu, Ibhululwe, Ihempe, Izihlangu,

NJALO, NJALO,

INTLOBO EZININZI ZEZONTO.

Kaniye, nibone Impahla entsha eyanekeiweyo ngo

Baker, Baker & Co.

E QONCE

BUZANI

Kwi venkile zangapandle enilunge nazo Impahla engaba ziyitenge KWA J.P. JAMESONE & Co., e QONCE (Kingwillianistown), Ezinjengo zi Blankete, Amabhayi, Ingubo zokunxiba, Izihlangu, Ihempe, ne Qhiya.

--- UNGAMLIBALI ---

J. P. Jameson & Co.

Kuba ingubo zabo zitshipu zilungile.

ISAZISO.

IBHASO le £10 liyakunikelwa naupina Ontsondu Lumanyano Lwabalimi bomahlulo wase Xalanga oyakwenza eyona Tanki yokuhlamba Ibhula ezigusheni, nobuhlanti obungemi manzi, eyakudlulisela kwezinye ngapambi ko 30 Afay ozayo.

CHARLES J. LEVEY,

16t29

Umongameli.

OLUKA

GOWIE

Uluhlu Lwezityalo

zika FEBRUARY.

IXESHA LOKWINDLA lilunge kunene kwinto sokulim

HLWAYELA:

IMBEWANA ZINTO EZILUHLAZA. I-Beet, Broccoli, Brussels Sprouts. Jkapetshu, Koli, Celery. Iminqate, Imbotyi (French), Knol. Lettuce, Itswele elibehle lilunge. [Kohl lertyisi, Parsnip, Radish Spinach. Turnips, njalo-njalo.

EZE FAMA. Sweeds, Mangel, Ikapetsu. Sugar Beet, Lwcerne, Rape. Ikofo, Knol.Kohl, Tshikiri, njalo-njalo

INTYANTYAMBO. Pansy, Godetia, Phlox, Daisy. Carnation, Foxglove, Verbena. Eschscholtzia, Stock, Larkspur. Mignonette, Pensternon, And all other hardy flowers.

Tyala Itapile zase Busika.

TYALA i Bulbs of Hyacinth, Iris, Snowdrop, Narcissus, Tulip, and all Cape Bulbs, for Spring flowering.

W. & C. GOWIE,

GRAHAMSTOWN.

Ilungelo Kubafuyi.

Ukufandeswa kwe Mpahla.

HERBERT HOWARD.

UHLELI elungiselele ukutengisa abantu Inkomo, nenye impahla emva kwe Malike. Abatengiswayo bolungiselelwa kwamsinyane. nantwana zezinye ngo 11 ngolwesi-Hlanu bonke, pambi kwe Ofisi yake engakwa Cook.—27t57.

Ukuvulwa kwe Tyarike

Emachubeni.

KUYAZISWA kubo bonke ukuba inkonzo zokuvulwa kwe Tyarike yase Machubeni, e Batenjini, ziya kuqalwa nge Cawa, March 10, kude kuye ngo-Mvulo, March 11.

- Eze Cawa inkonzo ziya kuhanjiswa kwi Tyarike endala ngo Revs. J. Goduka, A. Mabula, J. Sikwebu
- Intlanganiso enkulu eyakungena kwentsha i Tyarike ngo-Mvulo iyakopatwa ngu Rev. R. Lamplough.
- Ukumka kemhla kongena eye mali ekuya kubako yakati kwabateti Revs. E. J. Warner, W. S. Caldecott, M. Limon, J. Mahonga, S. Mzamo, no Messrs. J. Tingo-Jabavu, S. Sigenu, etc., etc. Izikolo zakwa Bangindlala nezezinye indawo ziya kuvuma.
- Ngokuhlwa kongena i Tea Meeting Bayacelwa bonke abantu ukuba zebabeko kuzo zonke esinkonzo.

JAMES M. DWANE, Umfundisi. 29t28 H. KALIPA, Igosa le Bandla.

ISAZISO

Intlanganiso eli liso lomzi Ontsondu." (Isebe lase Komani).

NGOMNQWENO wamadoda alalusileyo Ilungelo lomzi ontsondu entweni zonke kubonakala kuhlalengeni abantunya bemizi emele umandla wase Komani, uku kangela into emayenzwe ngu mayelana nonyulo oluzakubako lwelungu lendlu yengwevu. Intlanganiso ke yatnadoda angabatunywa yoba ngo 11 o'clock, kusasa nge 1st March, 1889, e-Queenstown, emzini ka Mr. R. T. Nukuna.

R. T. NUKUNA, Sec. and Convener.

ABATSHATILEYO.

KOTI-MAGWANYA—Kutshatiswe ngu Revd. W. S. Rubusana, e Peelton, ngo 29ih January, 1889, u EBENEZER BEN PHILIP KOTI, unyana omkulu ka Philip Koti, no FRANCES JOHN MAGWANYA.

ABABHUBHILEYO.

NGALWANA.—Kubhubhe, kwa Qobo-qobo, ngo 27 January 1889, u ALFRED N. NGALWANA.

MCANYANGWA.—Kubhubhe e East London, ngo 2 February, 1889, u ESTHER MARY ANNIE, usana luka A. J. no J. J. Mcanyangwa, obelutandwa, obelushiywe ngunina ngo 19 January, 1889. Izi hlobo mazamkele lowo mbiko. 29t28

BINASE.—Ku Seplan, e Batenjini, ngo 25 January, 1889, kubhubhe u JOHN ADAM BINASE, inkosana yakwa Ntaeshe. Elinye igama lake bekusitiwa ngu Mlandelwa.

DYER no DYER,

E QONCE.

BASAND'UKUFAMANA ngenqanawa ezisand'ukuvela kwelipesheya kolwandle, impahla eninzi ukongezelela kwimpahla yabo kakade, baneke ngoku :—

IMPAHLA YAMADODA, Isuti ze zitofu — Ibhathi, Indulubhatyi, Ibhulukwe—16s. 6d.

Isuti zama kwenkwe—4s. 6d., 5s.

Indulubhatyi zamadoda zezitofu ziqala kwi 2s. 6d.

Ihempe zokusebenza—1s. 3d., 1s. 6d.

Iminqw'azi yezitofu, 1s. Etambileyo, 1s. 3d.

Ibhulukwe zezitofu—3s., 4s.

Isuti Zokutshata.

Isuti Zobufundisi.

Izihlangu zentlobozonke, njalo-njalo.

John Irvine & Co.

KINGWILLIAMSTOWN.

ISUTI zamadoda ze Stofu—12s 6d, 14s, 16s, 18s, 20s

IBHATHI ,, ,, —5s, 6s 9d, 8s 9d, 10s 6d, 12s 9d

I-Bhulukwe ,, ,, —4s, 4s 6d, 5s 6d, 6s 6d to 15s

Imitika emnyama (yokutshata)—12s 6d, 15s 9d, 17s 9d

Ibhulukwe zamadoda ezingwevu (zokutshata)—16s 9d to 18s 9d.

Ihempe zamadoda zomsebenzi—10d, is, is 3d, is 6d, 2s

Ihempe ze fulaneli—is 6d, is 9d, 2s, 2s 6d

Ihempe zamadoda ezihayinshwayo—2s 6d, 2s Ud, 3 s 6^

KUKO i Bhulukwe ze kodi ezitile (ezona zohlobo) 7s. 6d.

Intlobo ezintsha zetyali (esazulwini apa azinamabala, koko kupela asemqokumbelweni). Zisukela ku 4s 6d zise kwi ponti.

Lpiinti ezisand'ukufika—3d, 4d, 5d, 6d, /d nge yadi

Ikaliko—2d, 3d, 4d, 5d, 6d nge yadi

Ilinzi—4d, 5d, 5d, 6d nge yadi

Tzitofu ezibugqi—6d, 7d, 9d nge yadi

Lo ndlu ingentla, yeyona impahla itshipu, nempahla epilileyo.

JOHN J. IRVINE & Co.

u-ALUVENI

WEBSTER & DODD

ABATENGI BO BOYA NEZI KUMBA NOKUTYA

Ngakwi Tyalike yase Wesile yabantsundu.

Kufupi ne nkundla ye Malike. Banika

Awona manani apezulu ngo Boya nezonto.

Iveki.

E JOHANNESBURG, amagcisa (XI) ebhola ese England, enze 291, u Abel yedwa wenze 114, n Read 40. I Transvaal, XV, yenze j nge let. Innings 161 nge second 88. Laba lidliwe i Transvaal.

E NATAL, injinze zase England ayidle i Maritzburg XXII nge Innings ne 3 runs. Ama England enze 164; Abel 48, Read 28, Uylett 22. Yaza i XXII yenza 92.—Kwi Match ye English XI vs. Maritzbrg XV—Amapesheya 176, i Natal 85, kwi Second Innings ama Natal 81. Yadiwa i Natal.

INTWAZANA ka Mr. D. Little, kumandla wase Monti, ilunywe liramba elikulu, uyise ulifnxe inxeba ngomlomo — kwadyodywa ngeyeza lika Kropf. Isingisela empilweni.

NGUMTYUTUMEZO mye ubholsik e Zeleni, Gqunube, nakuma Jamani ase Donqaba.

E BLOEMFONTEIN ngesicoto esikulu kuko ileli elibelilele pakati kobusuku nabantwana ababini ijinzi ezinyaweni, indoda ingeko labetwa ngumbane nenja leyo kwapela. Kanti abantwana abotukanga nokutuka, sebeqonda bakuvuka ukuba unina ubhuhile.

ITITSHALA ye Bhulu kwisikolo esikwifama ka Mr. Philip De Wet ngase Tarkastad ite ngolwesi-Hlanu Iwengapaya cakupuma isikolo xa inqutula indlela zendodana engn Lombard, yabetwa ngumbane lahlanza uselwa, umqube kodwa u Lombard. Lo Titshala ushiya into eninzi yentsapo.

A MA FAMA amabini ama Bhulu u Tobias Grobler no Wellem Labusoagne, balindise. Iwe Ijaji yimantyi yase Dodoloro ngokuba ibhotile ezimbini ze brandy nepeperment kwiflora abebeyilayishe e Komani.

BAKANKANYA isifo samahashi e Monti. Ezizifo enophahli kakade zibangwaluhlaza oln lukoyo.

I OFISI zakomkulu zimiselwe ukvalwa ngo 4 p.m.

ABAFU ababedlala ngase Tinara nge Sabata engapaya benzeke into embi. Ute omnye walinganisa omnye ngompu esithi angandubula, suka kanti ukukumisile watho yangena elisweni. Kuke akwalindelwa ukuba apile, kodwa usingisela empilweni omnye lowo.

KUTIWA kuko intsapo ebnelwe ngumina ngase Colesberg. Kuti kugule abantwana abahlanu yimasisi, acetyiswe umina nkuba asebenzise i sulfar (sulphur), suka ngempo-siso abape umgutyana we dip ka Cooper. Sonke esosihlanu sifunyenwe sesifile kusasa.

KWASEKUALENI konyaka lo umfo ongu Scott Peshey u namnqale umqala ngesithshetse sokuceba indeyi.

Kweozexa bekangele abantwana bebe, kade bebalama. Ibhayene yezizindluzi ngevanyo ngokude kanti indoda ikoku kuqonda nje umfazi ukonye. Bebe sebe. minyaka i 38, betshatile.

IQELA (7) lamalungu e Palamente ase Free State lifike e Monti ngolwesi-Hlanu. Licelwe ngumongameli womzi lowo, nanga. manene ene Bizinisi e Qonce ukuba azeku, bona izibuko lase Monti, anganti kanti ayakulixhasa kwi Palamente angamalungu ayo ngokumandla indlela kaloliwe eyakuba lilungelo kwelizibuko.

U COUNT TELEKI ufumene icibi elitha Empakatinu ye Africa elifana neli kutiwa yi Tanganyika. Ulite igama lokuba yi Rudolph.

U MR. A. DOUGLASS, opakati komnyadala wonyulo e Rini, uke wanentlanganiso naba bantsundu, abazibopelile kwelokuba bomvotela. Anga angaxhasa amawetu, azingogotele kwelineni zonke ivotana anazo. Izigwinta zomzi ontsundu—amanaxha— singavuya kunene engabangako e Rini.

IPEPA lase Mtata liva ukuba ngesi sicoto sikulu sike sako izulu lidlale e Baziya kumfo omnyama, nomfazi nabantwana abate bonke abo bantu.

NGOKUBETA kombane koka Ngwiliso siva ukuba kunukwe Abatwa ababenikwe inkomo ukuba benze imvu, kutiwa babete Abatwa iya kufika nemibane imvu.

INDODANA emhlope iye kumkombe oyi African e Bhayi, yahlala kwada kwemka ibhoti yokugqibela, etc noko ingabhatlanga kuba bengalungiselelwanga, — Ikamteni yositemele yameyeka wada wafika e Durban, Natal, apo asiw ematyaleni wadiwa £5, okanye inyanga.

PAMBI kwe Jaji e Maritzbrg, e Natal, Umzulu ogama lingu Mfanawendlela ugqwetyelwe iminyaka 20, ikati 30, ngokubhomela inkazana.

U MR. H. C. CAMPBELL umiselwe ukuba abambe u Judge Shepstone ofayo, kumatyala amakulu Abantsundu e Natal.

UMBUSO wama Jamani ude wabangela ukuze bakululwe abafundi ababanjwa yinkosi engu Bushiri ngase Zanzibar.

KUWE ikepu elikulu kwelase Europe ngomhla we 10 February, ngangokuba bangahambi ololiwe.

NGASE Pretoria kubetwe ngumbane, ngesipango so 2 February, Umxhosa nenkabi ezisibhozo.

IRAMENTE yase Rabe yama Ngesi ese Beaconsfield, icela u Rev. A. F. Bulner obepete abantsundu ukuba abe ngumfundisi wayo njengokuba u Rev. W. Hay, M.A., ekutshwe kukungapili.

ULAULO lwase Transvaal lwazisa ukuba luya kumnika £100 oxele abantu abakupe baxoma emntini umbulali wendoda apo nomfazi a Milhorat, e Steynsdorp. Sekufunyenwe isihlanu.

UMHOLI-ZIKOLO, U Mr. J. H. Brady, M.A., ukutandla wase Rini.

INKOSIKAZI yomfi ixeko u Mr. G. Wood, wase Rini, ibhnbhe ngolwesi-Ne wegqitileyo, ubudala 79 iminyaka.

UMBONISO wezilimo wase Ngqushwa uya kuba ngo 5 March.

IMANTYI yase Bhofolo isafumene ixesha lokupumla, iyakuke ihambele e England.

NGEVEKI egqitileyo kuko indodana etshone e Zwaartkop, ngase Tinara.

UMBHALI wentlanganiso yase Queenstown unqwenela kwakona intlanganiso yabatunywa bemizi emele lomandla, ukuba knzanywe ukuba ube kuluvo olnye. Intlanganiso eyayise Komani nenye eyayise Mount Arthur znezamkele u Yuzi. Kule ntlanganiso yo 1 March, emeny we ngesaziso, kube kunqwenelwa izihandiba ezinjengo Messrs. Rengge, Zwedala, Sigenn, Makasi, Nomtleke, nezinye ezimele imimandla ngemimandla yaba Tembu, ziko.

UQALE izolo Eqonce (20 Feb.) umnyadala webhola pakati kwe XX ye Cape Mounted Rifleman ne XI yendali zase England. Kungene i England emini emaqanda, yapuma selijikile ilanga yenze 148. Engene amaqakamba (C.M.R.), afise kwamaboni, lati lifika ixesha lokunqumama ngo 6, kwakufe 15, sona isikora simi ku 30.

SIBULELA inenekazi elimhlope elisitumele inteto nge “ Yona Mfundo lfanee Intombi ” zetu bantsundu. Njengokuba eli ilelokualala ipepa chivela kwinekekazi elimhlope, siyatamba ukuba alisakuba lelokugqibela.

Imvo Zabantsundu NGOLWESI-NE, FEB. 21, 1889.

Icebo loku Tungumlomo.

SIBE singalindele kwipepa le *Cape Argus* icebo lokuba abantsundu ba Tungwe kwakona imilomo entweni zotnbuso. Elo cebo libekiswa kwi ntlanganiso enkulu yabatunywa bama sebe embumba yama Bhulu eza kudibana e Metele ngo 4 March lo. Iti i *Cape Argus*, “ Enye into “ ebfanelwe kukangelwa, neya hwmkeleka Kwi “ Bond, kukuba ilungelo lokuvota “ Lupakanyiswe ngapezu kwentloko zabatunywa akaze,, Kungabiko “ malungu e Palamente aya kuhlaziswa ngeli kukuba anyulwe “ ngabantsundu. Akukonto yenziwayo embusweni, xa ivoti zinikelwe abantu abangalikumbuliyo “ negama lomntu abamvotelayo,, “ abangazi nento nangomcimbi “ omnye opatelele embusweni. “ Ukuba simi kweli lungelo langoku “ levoti elishishinge umntu wonke, “ masesingena ke ekunyanzeleni “ imfundo, ukuze izokuseyenziswa “ ngengqondo ivoti.”

Lexoxo iyikubulayo i *Cape Argus* asipike lamamhla. Lalisushu ngemfazwe ka MLANJENI ukumiswa kwe Palamente yase Kapa. Kwati noko izititi o Hon. WILLIAM PORTER zazimele ilungelo lonsundu ukuba abe nelungelo naye ; lokupendula embusweni apantsi kwawo, isininzi samadoda sati makangabi namfanelo, wobonelwa ngabamhlope. Ide lonto yakulanyulwa ngamapakati Enkosazana e England, ukuze lingabi ngapezu ! kwentloko zetu nje ilungelo. Naninina emva koko belinokufunyanwa ngokulula igqela elikulu kwi kundla yase Kapa ukuba limele ukuba atungwe umlomo ontsundu entweni zombuso. Imvelo ziya beyisa abanye abantu, abati bangangi nabanye banganemfanelo abanazo; kodwa kuhlala kwabako I ingqandendana ezimele ubulungisa nako pantsi; zaye ngoko zisekeleze ukuba bonke abapantsi kolaulo naba ngamahlwempu bonwabe: banele, bachume nabo. Waye ngoweliqela lokugqibela umnuzana u Mr. PORTER, owati ngezo ngxoxo zika 1852 wavakala esiti, “ Ndiyanyanisa kakulu ukuti ukuba le “ ibi ziyule yam yokufa emhlabeni, “ ndibe ndingayikangela njenge-sinye sezono ezikulu endingaba “ ndizenzile ukuti, xa kumiswa “ inkundla yezimvo zabantu bale Koloni, ivoti yam ndiyinikele “ kweli kakuba owona mbindi “ womzi raawunganikwa zwi entweni zombuso.” Uqube wati akayi qondi ingqondo engati “ omhlope “ makanikelwe ilungelo lokupendula “ embusweni, hayi kodwa yena “ omnyama.”

Zipantsi kakulu kwezetu ingqondo izizatu eziyibangela ukuba

Cape Argus yenze elicebo. Kuqala iti kuko abantu ababa sezintlonini kuba bevtowe ngabantsundu. Sakuba zwindini. Ngawapina lomanene asezintlonini, kuba kambe xa kufunwa ivoti, akuko usemnyadalenzi uzicekisiyo ezabantsundu. Wayengati oziva engagentloni bemvotela abantsundu, abazise kwangen’ engapambili ukuba ivoti zabo akazifuni.

Esesibini isizatu se *Cape Argus* kukuba amawetu engena kulikumbula igama lomntu amvotelayo. Sikwa sisizatwana sobuntwana. Tina sibe singesesisiti makahlutwe ilungelo embusweni umbhali we *Cape Argus*, nxa ngaba ulibe igama lenteto yase mzini, masiti Lelesixhosa elinjengo QIMNGQOSHE NGXANGXENI, abengati omnyama alikumbule kapukapu, kanti akusa- kubanjalo kumlungu. Angaba udlelwe indlala omhlope xa kutiwa matungwe umlomo kuba engena kulikumbula eligama Lesixhosa. Kodwa kuba ontsundu engena kulibiza kakuhle igama lika POWELL (Umchokeli we *Cape Argus*) okanye u LE ROEX, unokuseletungwa umlomo. Isizatu sesitatu selipepa sikwa seseyekileyo. Liti ababantu abanalo nofifi ngengxoxo zombuso, kangangokuba bengena kuphapha. Abo bantsundu banjalo tina asibazi; abo ke baziwa yi *Cape Argus* baya kutiwa nina ukufunyanwa ? Umhlabi zivoti angaba kambe uya kuhambisa novi wo Iwento zombuso ukuze kuqondakale abazaziyo ingxo- xo zombuso nabangazaziyo. Ngati kuti i *Argus* ilikupe elicebo ingali- cinganga, kuba lingena kuanjiswa kweli lizwe.

UMONAKALO ONGENAYO.

INGWEVU yakwa Ndlovukazi yaka yabhekisa ilizwi eliyi ntloko. Yenza umbuzo ukuba ivoti le sasizimela ukuba zesahlukane na ngayo ? Sati tina emxhelweni kwanga akungenjalo. Kwa usemi umzi ontsundu into ekukwahlukana komzi osatanda ukuma ibi- ngacingwa. Saye singatsho ukuti ibingeko into yokuba bayibone ngokubona abantu ngabantu into esazeke ipambi komzi. Kodwa bekuti kutetwa nje kanti kujongwe ekubeni kuqosheliswa kwinto enye; aya kuti ke amanye amadoda ancame amazwi abawatanda ngokuqonda ukuba umzi, nabuka uweva, uluvo lwawo aludulule kuwo. Umzi obusebenza ngale ndlela ubukolisa ngokuvana nokumanyana. Yaye lento umanyano ingamandla.

Ungati umzi uqale uvelele ngamadoda atanda amazwi awo ngapezu kwento yonke, — amadoda angakunoneleliyo ukugqala apo uluvo lomzi luduluselekona—sazeke usemngcepekeni wokupalala ube sisulu kwintshaba. Kanti ke uza kufumana ube ngumzi wamafoko- tshela nje okudlala, ngungakangelwe ngqondo ityulu kuwo. Amadodana akowetu angaba ayakolwana kukuba umzi wakowawo utabate eso sikhlo emehlweni ezizwe ezingekagqibi kusiqonda tina bantsundu ? Asisokuba zinto zokufeketena ku- bantu abanengqondo abangabase- mzini ? Itenjana ebisenalolo tina ngalomzi wakowetu ibiseleli—ukuba njengakwimini zamandulo siya kuma singoyiki pambi kwentlanga pezu kokupendla eyona nyaniso igqite ezinye. Kanti ke ngokwenjenjalo sizifumanela igama nakwa- bazintshaba, lokuba singabantu abangefumane babanjiswe ngomququ; kodwa singabantu abapendla eyona nto igqite ezinye apa emhlabeni nase zulwini —Inyaniso. Xa siza kuba ngabakangela ubuso— balindele u good boy nalapo kungeko nyaniso, niti sosindana kumacebo okutungwa imilomo nje ngabangayaziyo into abayenzayo— abanokt qwtywa nje ngomhlambi wegusha.

KUPINA UKUPENGULULA ?

“ KULE minyaka igqitileyo ubuke wada wapants' ukuyi khalala umzi ontsundu ivoti, usiti ubulawa yiyo Uba kuvota uhlelwe zinzima embusweni, uze wakupinda kongezeleleke amanye amashwa. Bade kumandla wase Dikeni ngo 1884, bazimisela ukuba abasakuvo-

ta ngapandle kokuba babe bavota umntu okwangowelabo ibala. Ukuze nje lowomzi unyule u Mr J. k ROSE-INNES, Junior, wase Kapa, sewusenziwa kukuba ungomelele i ngamanani evoti ukuba upumelelise obala limnyama, owawufuna yena wona, kuba ungasamtembi omhlope. U Mr. INNES, enyuliwe, ubonakalisile kuye wonke kuba, ukuba yinto ekoyo Umxhosa omhlope, u Mr.

INNES nguye. Saye sixela pakati komzi ukuba, lento ivoti ingati idlokovile nje, kukuba ingapatwanga ngesoko layo siti bantsundu. Sisuke ukuvota kwetu sakangela kumadoda agqatsiweyo, umfo onobubele kwizicaka zake, sati nguyena ulungileyo; wati ngati usingxami,] akanalusini futi nescicaka, sasesisiti ' usikohlakali. Asayivelela kanyo yona eyona nto isihomo sevoti, ukuba unantsi ogqatsiweyo uyakwazina ukukangelela izizwe amalungelo. Yaye ke ikholisile, kwawetu amakade bona, into yokuti i umntu ekutiwa ulungile ezicakeni, kanti sisiralume entweni zokulungiselelwa komzi wonke, ati lowa kutiwa akanabuncoko nezicaka, kanti ekupateni umzi nguyena. Utshaba olungena buyambo lwama lungelo oluntu oluutsundu pantsi kombuso ngumfo onegxekwe bani ngempato yake yezicaka nabahambi efameni yake. Siteda u BHOKOLO (Mr. R. M. BOWKER) ngapa ngase Somersset.

Abahlobo, nabameli bemfanelo kwizizwe ezintsondu embusweni o Mr. SAUL SOLOMON no Mr. JOHN J. IRVINE, ubungewafumane engamadoda anabuncoko kakulu nezicaka zawo. Xa sisenjenje singqumza inkolo ekoyo yokuba umntu olunge emzini wake, ukulungele ukupatiswa imvaba yomzi wonke ngelotuba. Ivoti ete yalili- shwa kuti bantsundu yebite yakolisa ngokusekwa kwimvimvithshane enjengale siyalatileyo Isaya kuba nobunzima kakade ivoti engakangelioyo ukuba uoani uyakwazina ukupatela uluntu.

Umfo ka BLENT lo ukankanywayo kulevoti iza kubako ubese Palamente ngegesha apa kuke kwapuma imiteto ka Sir G. SPRIGG ete yaluduba kunene uluvo lomntu ontsundu. Isandla sake ebepakamisa futi futi kanye no Sir G. SPRIGG kwinto ezinjengo kwuhlutwa kwemipu, ukutshiswa kwenkomo, nokupe- njwa kwemfazwe yase Lusutu, waye ebecasene shushu no Mr. IRVINE umhlobo wenene. Nanamhla akafihli ukuba uya e Palamente ukuya, komeleza izandla zelonene ezipolelweyo okwangoku Kodwa ngenxa yokupata kakuhle kwake izicaka, kuvakala ukuba makubeni wabengu- mncedisi wemiteto yembandezelo kontsundu, kuko kwa abantsundu abazimisele ukutuma yena e Palamente, bamxweme uYuzi indoda ebisipakamisa isandla kwakudala kwicala elizicisileyo ezizinto.

Ngowona mbulelo wohlangana lo kumadoda amhlope azikanyele ngati? Niti ipina ingqondo yomntu ontsundu xa ivoti yake isahlukana pezu kwento ecace kangakanana nje? Singaba sise ngumzi ovipendlayo nu inyaniso, noyibonileyo na imfanelo kwivoti engakangelioyo Enje ngale siyixelayo eyasizisela; inxwaleko—ivoti esebenzela ukuba izizalise i Palamente ncamadoda aselezibonakalisile ukuba awamveli ontsundu ebunzimeni. Livoteni Kambe clophukuphuku, sova, singase moyeni.

Amanqaku.

IPEPA lase Qonce eliyi *Watchman* liti u Mr. Blaine uyakuvotwa nangabantsundu ngapandle kwe buto- elingqatshi ngegozo lo Tingo- Jabavu, elifuna abantu abaya kwenza ubulungisa ngendlela elikolwa yiyo. Heliwenie kuko ubulungisa obnobdwa ayakwenza bona u Mr. Blaine, esingati noko tina bantsundu i singabelele sibi bubulungisa—ubulungisa obaziwa nguye no Sir Gordon ati uyela ukuxhasa bona ukuba bangawi haxa sazeke bebekwe emingcinekeni zizenzo zabo ezigwenxa? -----

KUVAKALA ukuba amapolisa adlala ngabantu abantsundu ukuba baniba, kuba esiti abanapasi. Abamba nabapete amaqaga obuvoti, ati mababe nenewadi ye hashe. Asisakunangaliswa emva koku esiti mababe nenewadi yengubo aba zinxibileyo. Akuko inteto uti okweleyo makabe nenewadi ye hashe. Umfeto okoyo ngowomntu oqubayo. Ngalento amapolisa asicenge sokudliwa ngumntu ambambezele ngapandle kwesizatu esisemntweni. Umntu makaboka awafake egqwetweni abize indleko zokubanjelwa kwake xa ebanjwe ngento enjengale. Ogqibela ngaloinini.

IZIZATU zokuba abase Bhai abamhlope batumele umtandazo ngenphepheke, kukuba besiti, kwaye kutiwe ekumiselweni kwalo liya kuba yirafu yexeshana kodwa. enye into ungenelwa zimali ezininzi u Rulumeni ngoku, angayiyikelele. Ie ingumtalo ebantwini.

EKUBENI beke lati ipepa lase Mtata u Mr. Scott ungene Emaampondweni, waya kuma e Zalo engacebisamananga nama Mpondo, kanjako u Nkosi u Sigcau utumele isigithmisi esiteta kakubi siniti asimfuni, mapume,—elase Kokstad ipepa liti akuko nyaniso kwelo kuba u Mr. Scott utonyulwe inteto embi ngu Sigcau. Kuyinyaniso kona ukuba utumele inteto evakalisa ukungenelwa kukutonyulwa indoda ezakuba ngameblo ka Rulumeni kodwa inteto leyo ibiyendilekileyo.

UKUBA, njengokuba abachasi baka Yusi besiti ungowe Bond, ingaba i Bond izizimvo zika Yusi ngomcimbi wokulungiswa koinhlaba ulungiselelwa abantsundu nangepasi nangotungumlomo, nangemfundo nangompunga omhle ngakontsundu—siti ukuba i Bond izezizimvo, besingavuya i Palamente izalisse ngamalungu e Bond olubhlobo. Asitena tina ngaluma umntu ubizwa ngalipina igama, ungowalupina uhlanga, umhlope, umnyama, xa singenasizatu sokumtandabaza, xa engazanga, wasikhilisa, njengokuba sesike sukohliswa sibona ngo Folose no Bleri, esiti uyakumela ubulungisa bodwa, makavotelwe siti. -----

WENZA imposiso u Rulumeni ukugqiba kwelokutumele u Mr. Scott e Mampondweni, engacebisamananga nama Mpondo ngento leyo; kodwa asitandabuzi ukuti into awayijongile kwakukunqisa uxolo, ngokuti abenomntu oyakuntumela indaba ezinyaniso ngelo, ebekungati kungenjalo kuvele impambano ngendaba zobixoxi. Ebesateta into evakalayo nama Mpondo kweli ebesiti, ebesateta kakuhle no Rulumeni ngapandle komntu ongu Scott, yaye amava ekubka kubako ukupitizela kwentoto pakati kwe Nkosi no Rulumeni ngapuzulu, bakuteta nongamehlo ka Rulumeni, besiti ke akuko sizwe simnyama ke satonyulwa umntu onjengo Mr. Scott esingalwa- nga no Rulumeni. Ezi zizinto zokuba bangambazisane kuzo kakuhle u Rulumeni nama Mpondo. Xa enyanzelwa ngamandla u Mr. Scott sifun' ukuti singaqondi apo kuyiwa kona.

SEKE sawenza amacapaza ukubhekisa kwizipakati ezipatiswe imicimbi yesitili sase Qonce ngendawo ye rafu yezinja, siniti siyatamba ukuba yowuphlapula umtandazo otunyelwe yintlanganiso yase Qugqala, ukuze babone ixabiso lokutandaza ngendlela zoxolo zombuso wama Ngesi; kuba kungenjalo vosuke seluhlala ngokuncama umzi, waye omnye ebeke wati abantu abancamileyo benza into ezizezokuncama. Kodwa siva ukuba igqungula lite lakufumana ukuba lomtandazo ungowesibhaxa esinye salomandla uli Qonce lapendula ngelokuba linosizi ukuba lingenakuyiyeka le rafu jezmin. Siyatamba ukuba amawetu ojokisa ngakomhlolokazi wakudala ade ayiyekeze intloko i Divisional Council ngemtantandazo nabatunywa.

DP. JOHN MAVUMA NEMBULA.—Elinene lakowela lintsundu, libufande ubugqira nge- soko lase Mangesini. U Dr. Nembula ungo wokuqala kuti luhlanga lumnyama oyiubele itu udo yake kwada kwakwinqanem lokuba atabate itailele yobu M.D. Ikaya lake lise Natal Emanzimtoti. Ukuze afumane lemfr. ndo, uti ngo 1881, xa abudala bu 21 iminyaka awele nomfundisi u Rev. C. S. Pixley, webandla lase America, aye naye kwelakowabo ukubaluncedisa ekubhaleni inteto ye Bhaibhile Yesizulu eyayishicilelwa. Kuba u Dr. Nembula yizintlela nesekubhaleni, unesiqiniseklo sokuba ukufezile ukubhala la se Oberlin College, U.S.A. Uti ke amshiye eskolweni u Mr. Pixley, sukayena agqibe kwelokuba angabuyeli kwelokowabo engayifazanga imfundo yokuba abe liqigira Ute ukuyihlalela imfundo wamana esebenza ngamaxesha eholidie nangamaxesha eyule sakupuma isikula. Into enkulu awasebenzisa yona yaba kukubhala i *visiting cards* zamanene. Kuti eku. qaleni ko 1887 emva koviwo ibandla lemfundo lase Chicago (University of Chicago) lemniko iwonga lobu M.D. Nje ngabantsundu sizingca kunene ngokupumele'a kwake. Kuti bantsundu unjengala dayitnani yafunyanwa nqngala, eyalata ukuba ziko nezinye ngapantsi. Sakukangela indawo ufikelele kuyo u Dr. Nembula, sikumbula nokwa tetwa yingqondi yasema Ngesini u Bacon owati “ Nantonina azenyenzile umntu, umntu senoku yenza,” sisati zinkulu zinto asaza kumpumelela kuzo amadodana ase Afrika. U Dr. Nembula ugqite apa e Qonce eku feni kuka January, efuna indawo yokuhlala asebenzise abugqira, ucelwe ngu Dr. Stewart ukuba ake ahlale e Lovedale Kundlu apa yamayeya yayifidiula ipetwe ngu Noqakata (Miss Dr. Waterston).

UKUTETWA KWAMATYALA ZI JURY.—Pantsi kwalentloko, nmbhaleli omhlope uti ungu Mhlobo Wabantsundu (Transki) walata ukuba ilungelo lokuhlalae Jurini lelomntu wonke ongumvoti, laye lisekwe ekubeni italala lomntu livike lumelwane lwake. Bekuti ke wakuhwala umbozo, wakubabamba abantu ngento abangakolwayo zizo. Ijuri ibakusele eburalarumeni bombuso abantu. Laya italala lomntu lingenakutwata kakuhle xa izimvo zabapulupala ityala ngahambi ngomkondo omnye. abantsundu abavnlwele ilungelo nge. ayb nje omantyi, pofu ilungelo labo emntweni; ngesosizatu maninzi amatyala abantsundu abangatwata ngemfanelo kuba esuke anikelwa kwabamhlope abangateni noqala oqalakisweyo. Abantsundu banokulungisa ngokwabo lento xa batandayo. Umyoti ngamnye anganyanzela imantyi ukuba imbhale pakati kwe Jury.

LOVEDALE.—Leseshoni iqalileyo itembisa ukuba yona yenye yezineziqomo ezihle. Inani lentsapo engenyayo likulu. Kufike ingcatuala zetitshalae ezintsha u Mr. Lowe, M.A., ovela e Rondebosch College, obambele n Mr. Roberts osaweliseyo, kwano Mr. J. G. Tooke, B.A., otabate indawo ebike ya- banjwa ngu Mr. H. Brinckmann.—U Mr. J. John Knox Bokwe kukona afumene ixesha i loknputnla, ekubeni ebeseholoko esebhitisini ; lomsebenzi ngeholidie. Uye kusela umoya e Aliwal North iveki ezimbini.

ABAXHASI BE "MVO."

Sivakalisa, sibulela ukuba lamanene namanenekazi amagama alandelayo ngamali ufike ngo January 1889. "Ningadinda nangof iso," unjalo umbulelo wetu —

Messrs R Kusse, H Kanana, A Njikesa, Messiah Tsoko, Jno Zamzang, Zech Jno Sasopo, John A Ntsiko, Rev P Mpinda, Messrs Joseph Mpinda (adv & sub), Jno Mule, Mat Magabela, Jno Sigenu, A Mpila, Jantje Gcinu, D Gwele, Jonas Mabula, Cekiso J N Mgabela, Buzani Ngoma, Jno Kantene, Jno J Sulu, Jno Kama, Hlati H Nella, Jno Ntikalo, Jno Ndawo, H Maqungo, M Mlandu, Barnabas Toyi, D Bulube, C Bulube, J J Mcanyanga, R J Ndungane, T E Sepuru, Tiyi G Soga, W Sobekwa, Geo Mgudlandu, Nath Matodlala, E Hughes, M J Poswa, Jas Sokupa, Joel Jack, Geo Franz, Rev W Holford, Messrs Cranmer M Sebata, Makabeni Dlamini, J M Ngcezu, Jnr, N Galea, J S Sutton, R P Rexe, Kiviet Swaartbooy, Thos Matumbu, J G Dlamulo, Geo Kwababana, Bill Kwinana, Rode Tea Meeting (adv), Aug Tingo Bell, S B Bell, Tom Mapikela, Jas Gontshi, Klaas Menze, Mrs J J Adams, Messrs J N Mabange, Mkululi Num, Johannes Makanya, Geo E Cook (adv & sub), J P Kebe, W T Kote, Enoch Magongo, Adam Mazwai, Thos William, Danti Mbelle, Africa Mazwi, Chas Mgndlandu, Wm Balfour, John Mafongoo, Mfunzana Many, Ia, Petros F Soga, Thos Tele, Chief Lubenya, Chief Zibi, Rev Jno Nakin, Messrs Jacob Sidlane, Jno J Mlandu, G Hoko, W Frolyk, Palmer Kula, Africa Elephant, Solomon Sibene, Rev G Kakaza, Fadana Salakutey- Iwa, H C Kildasi, Elijah Shosha, Rev S Gudula (adv & sub), Messrs E V Hands, Jno Tete, Jas Kulati, Elijah Mkuli, Rev H Mtobi, Messrs Melani Vella, Piet Phillips, J B Gantsho, E Mayekiso, Solomon Mavedu, Robt Platjes, Jas F Maqamba, Tom Gaqa, Kali Newwana, Andrew Mtintso, Albert Kwatsha, Philemon Gxagxisa, John Langa- Geo Tyinika, Jonathan L Mdledle, S Maqula, E J Mqoboli, Rev W Philp (adv & sub), Chas Mahluthana (adv & sub), Thos Ngxwashula, Klaas J Ganca, W V Budu- kazana, T P Mqayise, Jas Makhele, Elisha Mda, David Bikitsha, Robt Maecambe, R T Nukuna & Co, Jende Ntusi, Jos D Mzimba, Tshuka Konongo, Elias Franz, J J Ngcaku John Qinga, J J Biyana, Geo Little, Headman Bawulashe Manetsana, Fred Jonas, Anthony Sigobongo, Thos Martinus, Ven Archdeacon Gibson M A, R Tshele, P M Lokwe, Stephen Zwaartbooy, Klaas C Luzipo, Miss Jane Nquka, Messrs Beni Mavi, Chas B Zwaartbooy, Rev M M Mokone, Messrs Chas Kuzwayo, Jer M Tabane, Jas Ngaza, Fynn Mashiyi, Palmer Kula, Daniel Mbeje, John Jonas Skosana, H Hlahle, Evans & Co, Rev E Sigudu, Mr E Msimang, Messrs K Kayo, W A Forbes, T M Sobalube, Willie Menze, Plaatje Eland, Frank Badi, E E Madlamba Pearce, Geo A Ross, Wm Nonnganza, Booi Kwinana, Peter T Antonio, Z Qambule, Nz H Ngalandu, Jas Nyanda, Rev W Stumbles Messrs Sam Silomo, D Kalaka, W Njikelana L Meginca, W E Stanford (Chief Magistrate) E J Zaula, Jas Maqungo, Jno Dingana, Rev J Moyedi, J M Vimbe, M L Gqamllana, Fynn Mashiyi, Patrick Xabanisa, A E Jobe, Paulus S Mokone, Nicholas Sibanyone, Sindapi Jack, Petrus Sidzumo, George Kobi, Wm Zozotyana, T B Matolengwe, Xalisa, Cekiso Dliso, King Wms Town Corporation (adv), James Samyala, P M Selate, P S Kuzze, J S Kuzze, Rev Luke Msimang, Ntame Dana, Wellington Hogana, Resident Commissioner Basutoland, Revs Jacob Nealo, Jno Sikwebe, Messrs Robt Goodwin, William Wauchope, James Msqungo, Wm Mdledle, Abram Bali, Rev W Girwood, Messrs James Madaki, Cubuka Mqobololo, Billy Nobatana, J 8 Adams, N Sikhesa, Beck Dladla, Andries Kleis, Revs Chas Taberer, P Sihlali (adv & sub), Messrs Job O Xego Simon Gqodi, Jehi Masingala, D Binase, Titus Mabe, Theo Ntsomi, Dlongwana Myoli John A Nkovo, David Kwatsha, F Sidziya, W Kiva, Philip Mucumi, Obediah Mucumi, Andrew Ntyingili, David Nuzuo, Wm Mvndwana, James Ntsepe, Webster & Dodd, Peter Tyamzashe, Abner Molefe, Steph Mdliwa, W A Siwisa, J J Taho, John Masiza, Tom Ngwendin, Isaiah Mbewu, Messrs J Sipamla, Jno F Mazamisa, Rev J D Mjila Mrs Myndla, Rev E Nyovane, Rev M September, Messrs Booi Qunqu Mgweba, Solomon Mwabala, James Sokupa, Tom Zimana, Mbali Nchuka, Chas Thomas, John Masiza, Mahashe Mxabela.

Edolopini e Gcuwa seligqityiwe ilitye lokusila ingqolowa. U Mr. Charles Matz, umninilo, uti sekumi ngenxa yendlu yokubeka ingxowa ezifikayo. Nantso into ebheniyifuna mzi ndini wama Mfengu, Magcaleka, Mangqika, nama Ndlambe esika Blyth.

Imvo Zabantsundu ziyawa puma nendaba eziyole kunene zentlanganiso yama Wesile e Qonce, nokuxela apo iya kuba kona ngo January wonyaka ozayo. Sihlabekakabub kwelazwi elite u Mr. Jabavu ukutshelwe ngapandle kwe ; ramente yintlanganiso nomfundisi wayo ose Qonce, u Tshaliisi Pamla; sabuya ' imvalo kamsinya lisakuti ubhehile u Mr. Tingo-Jabavu, nokuba intlang niso ibagwebile o Rev. Tshaliisi Pamula kunye nabakokeli bake ukuba oka 'Jabavu bamdledla indlala engonanga ' nento. Siyabulela. Bafa abantu abafundileyo ziyidasi, necedani nanko omnye wabo efelwe lizwe e Cumakala, &c.

U Mr. Lawrence, umfo ontsundu ongum America, wenze ngezandla zake lento ijikelezayo inamahashhe omi (Merry go round), awungetsho ukuba yenziwa ngumfo ontsundu ose dolopini yase Gcuwa. Yonke imi Gqibelo edolopini apo yimiqodi ukuya kwelo eloxakaxaka.

Lento mzi wakowetu iya ndikataza kakkulu mandiyitete kuni. Ndiiti olwam uluvo lolokuba apapo igama lihlokoma ngamandla makubekwe amagama amabini anje ngala sendenze isixoxo sawo ngasentla apo. Mayahluke impumlo nephulo, umxo nomxxxaxa. Amagama amaninzi eningahlanga nawo efanele isigana esitile ndamncoma kakulu u Mhleli we *Mvo Zabantsundu* ngalento yokufaka u h. Kuyabonakala ukuba isenkulu nangoku imiposho eyenziwa ngabelungu, sifilike masiyikangele inteto yetu, sibonisane kakuhle ngobuzalwane.

EYONA MFUNDO IFANELE INTOMBI.

[SISIHLOBO SAMANKAZANA ABANTSUNDU] Ndiite ndakufunda indawana eteta ngemfundo yamantobazana kwiwepe lika Jan, 17 ndakolwa, ndati ndingangapaya amazwana nam ngokuba kudala ndiyibona lento, ndiyiteta, kubantu nga-banye.

Kuqala ke manditi,ndiqonde, imfundo yencwadi yentombi andiyideli, lonto inkulu, kodwa nditi musani ukudela imisebenzi. Kendive abanye besiti " eyam intombi iyakuba yiledi ifunde iyazi ne crochet" iyintoni he lonto. Ham ndingeyingeni andiyiqondi; kodwa umntwana lowo uvilwe akayilbalanga. Uti ke xa afikileyo esikoleni ngenye imini axelelwe yi Teacher ukuba enze imisebenzi zibe, acunuke ke afumano ayenze ngokudangala ekumbula ukuteta kuka yise ekaya.

Imisebenzi yendlu ayinaku- delwa, nanzi nentombi ze Nkosazana yetu u Victoria zafunda yonke imisebenzi Yendlu. yendlu kwamnitungo kunye nemfundo yencwadi nezinye izinto. Kendiyibone ngosizi lento i Teacher itshate intombi engazi misebenzi yendlu, imali yayo incinane kanti umfazi wayo akakwazi nokuvasa noku ayina impahla yake nemitungo akayazi, nanko ke u Charles esiya entlanganisweni ye Teacher engena collar akanamntu wokum ayinela, impahla yake irazukile, abengatsho kulowo , amtungene ati hayi usidnile ngoku umkako makafunde naye.

Ngezonka : — Ndiyabona ukuba siyakude sibe kukudla okuhlala kusendlwini zabantu. Ewo ndeya kwamandi ngoku kendahambela kwelicala lase Tsomo ne Gos ne Gcuwa, ukubona abantu. bevuna ingqolowa eninzi, ndicinga, ndati lishesha lokuba intombi zetu zifundiswe nokwenza izonka ezikolweni zetu, ingamoshwa lengqolowa intle kangaka.

Kuko indawana endifuna, ukuteta yona nani makosikazi abantsundu, yile yokunxiba kwentombi zenu. Ewe zonke zineratshana lokuti inganganxiba kakuhle intombi yam, kodwa kangela ukukolisa ukuba buxumbulu intombi zenu. Ndoke nditete ngento endikolisa ukuyibona. Nanku u Sarah epiwa imali nguyise yokuba azitengele ilokwe elungileyo nanko ke ekauleza ukuya kutenga ati ndifuna into etshipu, aboniswe into ezingenatnsebenzi ze 4d nge yadi, ati ewe ndakuyitenga ibeninzi zendiyihombise ndiyakutenga ne lace ne braid, eyinto ke ayitenge ngolwesi-Hlanu, ati ndakuyinxiba nge-Cawa, ipatroni akanayo, uti ayinani ndakuboleka ku Emily, u Sarah yintokazi enomzimba, enkulu, kanti u Emily yintwazana enci-

